Isalathiso: 20210312-1591
Inombolo yefayili: 5/1/4/15
Imibuzo: HG Barnes

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loKuthengwa kweeMpahla neeNkonzo: 0001/2021

Iya: KwiNtsumpa-Jikelele, kumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zawo onke amacandelwana namacandelo akwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili zemfundo

Isihloko: IKhontraki RT5-2020: Ukubonelelwa kukaRhulumente ngenkonzo yekhuriya yarhoqo ngethuba elisusela nge-01 Disemba 2020 ukuya kwi-30 Novemba 2023

1. Le ngcaciso imfutshane yazisa ukuba i-Ofisi kaNondyebo kaZwelonke liyiqukumbele ikhontraki ebandakanya onke amasebe (*transversal contract*) yokubonelela ngeenkonzo zekhuriya kuRhulumente, nesebenza ukususela nge-01 Disemba 2020, ukuya kwithuba leminyaka emithathu.

2. Iikhontraki zeenkonzo zekhuriya ezisetyenziswa apha eNtshona Koloni naphakathi kwamaphondo yi-*Madibana SA (Pty) Ltd* ne-*Skynet South Africa (Pty) Ltd*. Iinkcukacha zoqhagamshelwano zeekhontraki ezichaphazelekayo zimi ngolu hlobo lulandelayo:

Igama lekhontraki	Idilesi	Ifoni	Idilesi ye-imeyili
Madibana SA (Pty) Ltd	PO Box 1374 OR Tambo International Airport Kempton Park, 1627	011 892 0272	madiba@madibana.com csd@madibana.com
Skynet SA (Pty) Ltd	PO Box 8807, Edenglen, Isando, 1613	011 586 1000	rnaziraj@skynet.co.za

3. Ukuba icandelo lakwaNdlunkulu okanye i-ofisi yesithili inokuthi isebenzisa le nkonzo ichaziweyo kwi-*National Treasury RT5-2020 contract*, kufuneka kulandelwe le nkqubo ilandelayo:
   (a) Makuqhagamshelwane nomboneleli-nkonzo yaye makucelwe iphetshana lokuziswa kweempahla (*waybill*), ekufuneka lizaliswe ngokupheleleyo nemalinike ezi nkcukacha zilandelayo:

(i) Igama lecandelo/lecandelo eliyintloko/le-ofisi yesithili;
(ii) Igama lomntu ekuqhagamshelwana naye;
(iii) Idilesi yestrato nenombolo yegumbi lomntu ekuqhagamshelwana naye;
(iv) Inombolo yefoni yomntu ekuqhagamshelwana naye; kunye
(v) Nenombolo yesalathiso yefayili erekhoda iinkcukacha zenkonzo yekhuriya efunekayo.

(b) Makucelwe umboneleli-nkonzo ukuba avule i-akhawunti yaye azokuthatha i-ayithem (ii-ayithem) eza kuthunyelwa ngekhuriya. I-invoyisi kufuneka ithunyelwe kumntu ekuqhagamshelwana naye nobecele inkonzo leyo. Icandelo elibandakanyekayo kufuneka lizihlawulele iinkonzo ekubonelelwe ngazo njengoko iCandelo loLawulo loKuthengwa kweeMpahla neeNkonzo lingasayi kuziququzelela iintlawulo ezilolu hlobo.

4. Kucelwa nazise okukule ngcaciso imfutshane bonke abaqeshwa abaphantsi kolawulo lwenu ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-LJ ELY
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEENKONZO ZEZIKO
UMHLA: 2021-03-24